ISIXHOSA FIRST LANGUAGE HG P2 NOVEMBER 2007

Icandelo A : IMIBONGO

UMBUZO1: UMBONGO ONGAMISELWANGA.

Abafundi bagqwesile kulo mbongo ungamiselwanga nto leyo ebangela ukuba sibancome ootitshala, sibothulele umnqwazi.

UMBUZO 2 –5

INGXAKI YOKUKHETHA IMIBUZO

- Abafundi banengxaki yokungakwazi ukulandela imiyalelo yokukhetha imibongo. Apha bafanele ukuba bakhethe imibuzo ibe mibini kuphela, kodwa bona basuke bayiphendule yonke nto leyo ebangela ukuba kumakishwe emibini yokuqala. Imibuzo emithathu yokugqibela iyahlatywa nokuba ebesele eqhube kakuhle kuyo kuba engayilandelanga imiyalelo. Ukanti ukuba ngaba ebeyikhethe kakuhle le mibuzo mibini, ebeya kuwabutha onke amanqaku.
- Ootitshala ke ngoko mababethelele imiyalelo yokukhetha imibuzo emibini kweli candelo nokuba yeyiphi na.

IINGXAKI EKUPHENDULENI IMIBUZO

- Abafundi abakwazi kwaphela ukuhlalutya, oko kudizwa kukungabinazo izakhono zohlalutyo. Abawazi umahluko phakathi kwesafobe nesigaba sentetho. Le meko icela umngeni kuthi bootitshala ukuba sisibethelele ngokusicacisa unyaka usaqala esi sakhono ebantwaneni. Kwimpendulo ebekulindeleke ukuba ibe zizafobe bona basuka banike impendulo zolwimi (zegrama).

Icandelo B : IDrama, Nosel'eyibethile Akakayoji: N. Gwegwe.

- Abaqhubanga kakuhle kakhulu abafundi kumbuzo omde, kodwa kumbuzo omfutshane baqhube kakuhle kakhulu.
- Kumbuzo omde babethwa kukungakwazi ukucwangcisa izimvo zabo ngendlela efanelekileyo, kuba basuke bathethe yonke into abayifundileyo encwadini.
- Abanaso isakhono sokuyondelelanisa izimvo ngokungqalileyo.
- Ootitshala bayabongozwa ukuba babaxhobise abafundi ngesi sakhono unyaka usaqala ukusukela kwiBakala 8 ukuya ku-12.

Icandelo C : INoveli, Kusalawula Yena: GBS. Xundu.

- Kumbuzo omfutshane baqhube kakuhle kakhulu, kodwa banengxaki yokubhidanisa abalinganiswa, endaweni yokuthi uMamTshawe bathi uNombulelo, endaweni kaSkuvethi bathi uSesh.
- Kumbuzo omde banengxaki yokungakwazi ukucwangcisa izimvo zabo ngokulandelelanayo.
- Benza ingxubevange yezimvo nto leyo efuna ukuba ootitshala basibethelele isakhono sokukwazi ukubaxhobisa ngokubekelela amanqaku namanqwanqwa aphambili okwakha isincoko.

IINGCEBISO

Sibothulela umnqwazi abo titshala besiXhosa bazamileyo ukukhuthaza abafundi ekufundeni ezi ncwadi nangona kuqapheleka ukuba kusekho umnyinyiva ekufuneka bewenzile ootitshala basebusuku ekufundiseni ezi ncwadi zontathu ngoba abafundi basabonakalisa ukusilela kakhulu kuzo. Ootitshala bayacetyiswa ukuba bathenge isikhokelo sohlalutyo noncwadi ukuncedisana nabafundi.